

# INKQUBO YOKUTHATHA INXAXHEBA YOLUNTU KUMZANTSI NXWEME

(eMossel Bay, ePlettenberg Bay, eKnysna, eSt. Francis Bay naseGqeberha)

***Inkampani iMain Street iceba ukwenza uphando kwi-oil ne-gas kwi-Block 9 & 11B/12B: inqanaba loVavanyo lweMpembelelo yokusiNgqongileyo neNtlalo luyaqhuba.***

Inkampani iMain Street 1549 (Pty) Ltd (Umfaki-sicelo) iceba ukwenza uphando kunxweme olukwi-Block 9 & 11B/12B (65–190 km kude noNxweme oluseMzantsi). Olu phando lunokukhokelela ekugrunjweni kwe-oil ne-gas kwixesha elizayo kwaye lunokuchaphazela ubomi bolwandle, impilo nohlobo lokuziphilisa kwabantu kunye nelifa lenkcubeko yabo.

Umthetho ufuna ukuba inkampani iMain Street idibane noluntu lwasekuhlaleni kuwo onke amanqanaba ezicelo zayo zoGunyaziso lokusiNgqongileyo (EA) zokuba ivunyelwe iqhube imisebenzi eyahlukeneyo yovavanyo kwiBhloko 9 & 11B/12B.

## IPHI INKQUBO NGOKU?

Isicelo se-EA iMain Street **sikwiSigaba soVavanyo lweMpembelelo yokusiNgqongileyo kunye neNtlalo (ESIA)**. Umthetho ufuna iMain Street ithethathethane noluntu oluchaphazelekayo ukuze kuqinisekise uxanduva nokungafihlisi ngoku:



- Ukuqinisekisa intatho-nxaxheba enentsingiselo ngexesha lothethothethwano noluntu oluchaphazelekayo kusetyenziswa ulwimi olucacileyo noluqondakalayo, kwaye uthethothethwano kufuneka lufike ngexesha kwaye lunyaniseke.
- Ukuqinisekisa ukungafihlisi malunga novavanyo lweMpembelelo ngokuqhuba uphando kunye nokwabelana noluntu oluchaphazelekayo ngeziphumo zophando malunga nobungozi obunokuthi bekwenzeke kokusingqongileyo obunokuthi bube nefuthe elibi kubalobi basekuhlaleni kunye nemisebenzi ebaphilisayo, kubandakanywa umonakalo onokuthi ube nefuthe elibi kwinkcubeko yabo kwixesha elifutshane kunye nexesha elide.
- Ukuqinisekisa ukubhengezwa ngokupheleleyo kweengozi kunye nezicwangciso zokulawula le mingcipheko ukukhusela ubomi kunye nokusingqongileyo.

## YONGEZA ILIZWI LAKHO

Funda kwaye uhlomle ngeNgxelo eYilwayo ye-ESIA, efumaneka ukusuka ngomhla we-14 kweyeKhala ukuya kowe-14 kweyeThupha komawama-2025.

Sebenzisa la makhonkco e-internet ukufikelela kwiNgxelo: website ye-SLR okanye lena ekungafuneki usebenzise data kuyo.  
<https://slrpublicdocs.datafree.co>.

Fumana uxwebhu olungamaphepha kumathala eencwadi oluntu aseMossel Bay, eKnysna, ePlettenberg Bay, eSt. Francis Bay.

## YIYA KWIINTLANGANISO ZIKAWONKE-WONKE UBUQU OKANYE KWI-INTERNET UKUZE UFUNDE KWAYE UPHAWULE NGENGXELO EYILWAYO YE-ESIA.

### Yiza buqu ngolu hlobo lulandelayo:

14 Julayi: Mossel Bay  
(D'Almeida Hall)

15 Julayi: George (Rosemoore Hall)

16 Julayi: Knysna (Homlee Hall)

Ngomhla we-17 kweyeKhala:  
ePlettenberg Bay  
(kwiHolo entsha yeHorizons)

Ngomhla we-18 kweyeKhala:  
eTsitsikamma (Iziko likaClarence  
Anthony Draai)

19 Julayi: Kareedouw (Kagiso Heights  
Hall, 10:00–13:00)

21 kweyeKhala: IJeffreys Bay  
(iHolo yePelirus)

Ngomhla wama-22 kweyeKhala: iSt  
Francis Bay (Sea Vista Hall)

Okanye yiya kwiNtlanganiso ye-internet nge-24 kweyeKhala (14:00 - 17:00) Cofa [apha](#) ukuze ubhalisele ikhonkco lokuzibandakanya.

## Ngenisa izimvo zakho nge-14 kweyeThupha 2025.

Qaphela ukuba akukho ndlela ziqingqiweyo okanye iimfuno zendlela onokuthi uhlele ngayo izimvo zakho. Kufuneka ucinge ngantoni xa ubhala izimvo zakho?

- Ungubani? Kutheni le nto i-project ibalulekile kuwe? Umele bani?
- Zeziphi iziphene kuyilo lweNgxelo yeMpembelelo yokuSingqongileyo neNtlo? Yintoni engacacanga okanye engekho? Yintoni efuna uphando olongezelekileyo?
- Yahlula inkxalabo yakho. Nika ingqalelo kuluvo olunye kwisiqendu ngasinye! Sebenzisa umxholo kwisiqendu ngasinye! Beka eyona ngxoxo inamandla okanye eyona nto ikuxhalabisayo kuqala.
- Nika iinkcukacha ezithile kwaye uphephe ukuquka ngokubanzi. Sebenzisa izibakala ukunixa iinkcukacha kangangoko. Jonga imithombo oyisebenzisayo. Nyaniseka. Iimvakalelo zilungile!

**Qukumbela ngokuthetha into oyifunayo!**

# UVavanyo lweMpembelelo yokuSingqongileyo

Inkqubo yoVavanyo lweMpembelelo yokusiNgqongileyo (EIA) iqinisekisa uvandlakanyo olucokisekileyo lweempembelelo ezinokuthi zibe kho phambi kokuba kuqaliswe nayiphi na imveliso. Ngezantsi sisishwankathelo samanyathelo aphambili abandakanyekayo kunye nokuba sikuphi kule nkqubo.



**Unelungelo lokuthatha inxaxheba kule nkqubo.**